# VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# ISICELO SELAYISENISI YOKUSETYENZISWA KWEQULA LAMANZI LASECAPE FLATS

Njengenxal'enye yophuhliso laso lotsalo lamanzi angaphantsi komhlaba weQula laseCape Flats, iSixeko siphakamisa ukuhlaziya ilayisenisi engokusebenzisa amanzi kwiSebe leSizwe lezaManzi noGutyulo.

ISixeko sathi sanikezelwa ugunyaziso (inombo yelayisenisi: 01/G40A/AE/7272) engokutsalwa kwamanzi aphantsi komhlaba nofakelelo lomchiza olukumgangatho ophezulu kucoceko lamanzi amdaka ngenyanga yoMnga ngo2017. Olu gunyaziso luyaphelelwa ngeyoMnga (Disemba) 2022.

Ilayisenisi entsha engokusetyenziswa kwamanzi iyakuthi ijoliswe kutsalo lomthamo wamanzi aphantsi komhlaba omalunga nezigidi ngezigidi ezingama28 $m^3$/a kwiqula lamanzi laseCape Flats nofakelelo lomchiza olukumgangatho ophezulu kucoceko lamanzi amdaka olufikelele kwizigidi ngezigidi ezingama23.5 $m^3$/a kwiqula lamanzi laseCape Flats, kulungiselelwa ubonelelo lukamasipala ngomthamo wosetyenziso lwamanzi asekhaya (aselwayo), kwidolophu, kwezorhwebo nakwimiz'imveliso.

**Indawo**

Isiphakamiso somsebenzi lo uyakuthi uqhubeke kwimimandla ekufutshane namaqula amanzi kaMasipala (aseStrandfontein West, Hanover Park, Philippi, Strandfontein North, Strandfontein East, Mitchells Plain, Swartklip, Philippi Central nePhilippi North).

Ukubhalisa nokungenisa izimvo usenoku imeyilela kwa mailto: Candice.LasherScheepers@capetown.gov.za okanye Philani.Msimango@capetown.gov.za, okanye ugcwalise uxwebhu olufumaneka kwi-intanethi kwa www.capetown.gov.za/haveyoursay ungadlulanga uLwesihlanu wama30 kweyoMsintsi (Septemba) 2022.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA101/2022**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**